



Isalathiso: 20201013-8741
Inombolo yefayili: 13/16/1/2
Imibuzo: ABaququzeleli boVavanyo beSithili

INGcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo lweKharityhulam noVavanyo: 0006/2020

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kuBaphathi beeSekethe, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBacebisi ngeZifundo nakwiiNqununu zezikolo zikarhulumente nakwezezikolo ezizimeleyo

Isihloko: Iimfuno ezimiselweyo zokupasa kwiSigaba esiPhakamileyo (kumaBakala 7-9) ngo-2020

1. ISebe leMfundo esiSiseko likazwelonke (DBE) likhuphe iSetyhula 05 yoVavanyo kaZwelonke ka-2020, yowe-11 Agasti 2020.
2. Ngenxa yeziphumo zikabhubhane i-Covid-19 kunyaka wezifundo u-2020, iSebe i-DBE linike izikolo iingcebiso ngokuba zingayilawula njani iprogram yekharityhulam novavanyo ehlaziyiweyo. Imigaqo yeprogram ikhutshwe kwiSetyhula yeSebe leMfundo leNtshona Koloni (WCED) 0018/2020, yowe-03 Agasti 2020.
3. ISetyhula yeSebe i-WCED 0018/2020 yakhupha umyalelo wokuba izikolo zingalulawula njani uVavanyo oluQhubekela eSikolweni (School Based Assessment) kwiikota zesikolo ezishiyekileyo kwi-General Education and Training band (kumaBakala R-9) ngo-2020.
4. Izikolo zazinikwe ilungelo lokukhetha ukuyeka izifundo ezibini kwizifundo ezilithoba ezifundiswa kwiSigaba esiPhakamileyo, lungabandakanywanga uLwimi lweeNkobe, uLwimi lokuQala oloNgezelelweyo, iMathematika, iiSayensi zeNdalo (Natural Sciences) noLwazi ngezoBomi, ukuba kunikwe imvume yokuyeka ezo zifundo zibini zichaphazelekayo ngumlawuli wesithili.

5. Izikolo bezinelungelo lokuyeka naziphi na izifundo ezibini zeSayensi zeNtlalo (*Social Sciences*), iiSayensi zoLawulo loQoqosho (*Economic Management Sciences*), iTekhnoloji (*Technology*) noBugcisa Bokwenziwayo (*Creative Arts*).
6. Injongo yale ngcaciso imfutshane kukunceda izikolo kwindlela yokusebenzisa iimfuno ezimiselweyo zokupasa kwiSigaba esiPhakamileyo (kumaBakala 7-9) apho izikolo ziye zayeka izifundo ezibini.
7. Makusetyenziswe ezi khayitheriya zilandelayo:
 - 7.1 Kwizikolo **ezingakhange zikhethe** ukuyeka izifundo ezibini, iimfuno ezimiselweyo ezisetyenziswayo njengoko kuchaziweyo kwi-National policy pertaining to the programme and promotion requirements of the National Curriculum Statement Grades, R –12, njengoko zipapashiweyo kwiNkcazelo yeKharityhulam kaZwelonke yamaBakala R-12, kwiZaziso zikaRhulumente No. 722 kunye noNo. 723, kwiGazethi kaRhulumente No. 34600 yowe-12 Septemba 2011, kusasetyenziswa zona.
 - 7.2 Kwizikolo **ezazikhethe** ukuyeka izifundo ezibini kwezilithoba ezifundiswayo, amanqaku eKota1 kwezi zifundo ziyekiweyo mawasetyenziswe njengamanqaku okugqibela kwezi zifundo. Amanqaku afunyenwe ngumfundi kwiKota 1 mawonyuswe, ngokusekelwe kwiikhrayitheriya ezisetyenziswayo ezisekelwe kwizifundo ezilithoba.
8. Ukusetyenziswa kwezi khayitheriya kusebenza kuphela ngo-2020.
9. ISebe i-WCED ngoku liphanda ubungakanani belahleko ekufundeni kunyaka wezifundo ka-2020 ngenxa kabhubhane i-Covid-19 yaye kuya kwenziwa iziphakamiso zokulungelelaniswa kwamanoqaku nokugqithiselwa kwabafundi kwamanye amabakala (*condonations*) kwakugqitywa uphando. Kuya kuthunyelwa ingcaciso emfutshane ezikolweni ukuba ngaba luyimfuneko ulungelelwaniso lwamanqaku nokugqithiselwa kwamanye amabakala.
10. Iinqubo zokurekhoda nokwenza iripoti zeSebe i-WCED zamaBakala 7-9 ziya kuhlaziywa kwiKota 4 ukwenzela ukuba inqubo ifumaneka ekhompuyutheni kwakufumaneka ingcaciso esuka kwiSebe iDBE malunga nokulungelelaniswa kwamanoqaku okunokwenzeka kunye nokugqithiselwa kwabafundi kwamanye amabakala.
11. Kulindeleke ukuba zonke izikolo zizifezekise ngokuyimpumelelo iimfuno ezimiselweyo zokupasa njengoko zichaziweyo kule ngcaciso imfutshane.

12. Kucelwa ukuba iinqununu zezikolo ezifundisa amaBakala 7-9 zabelane ngokuqulethwe yile ngcaciso imfutshane nabo bonke ootitshala ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYYINWE: NGU-H MAHOMED

USEKELA MLAWULI-JIKELELE OBAMBELEYO WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO

UMHLA: 2020-10-14